



Province of the
EASTERN CAPE
DEPARTMENT OF EDUCATION



**ISIXHOSA PLANNING
GUIDELINE DOCUMENT
GRADE 10-12**

ISIQUULATHO

IMIXHOLO ENGAPHAKATHI	IPHEPHA
Intshayelelo	01
Imibandela ekufuneka inikwe ingqwalasela	02-03
Ukuyla inkqubo yokufunda(subject framework)	03-22
Isicwangciso somsebenzi wonyaka(work schedule)	23-67
Isicwangciso sesifundo (lesson plan)	68-73
ACKNOWLEDGEMENT	74

INKCAZELO YEKHARIYHULAM YESIZWE

INTSHAYELO

Lo ngumkhomba-ndlela ozama ukuncedisana notitshala ekuyileni inkqubo yokufunda nokufundisa abafundi. Esi sikhokelo sizama ukubonisa nokuncedisana notitshala ekucwangciseni umsebenzi wakhe wonyaka. Lo mkhomba – ndlela uqulathe imizekelo yamanqanaba omathathu okucwangcisa umsebenzi, oko kukuthi:


1. Isakhelo sesifundo samabanga 10-12(subject framework).
2. Isheduli yomsebenzi/isicwangciso somsebenzi webanga ngalinye(work schedule).
3. Isicwangciso sesifundo(lesson plan)

N.B. Kulindeleke ukuba utitshala asebenzise lo mkhomba-ndlela njengesikhokhelo ekwenzeni olwakhe ucwangciso njengoko kongelulanga ukusebenzisa isicwangciso esenziwe ngomnye umntu, yiyo lento sisithi lo ngumzekelo. Okubalulekileyo kukuba ootitshala bebanga elo badibane xa besenza isakhelo sesifundo ukuze emva koko utitshala webanga azimele ngenkgayi elangeni esenza isgaba sesibini nesesethathu.

INkqubo yokuFunda ilungiselelwé ukuncedisá ootitshala ukuba bacwangcise ukufunda, ukufundisa nohlolo ngokulandeelanayo kumaBanga 10-12 ukwenzela ukuba kube lula ukufezelekisa iziPhumo zokuFunda zesabjekthi ngendlela eqhubekayó. Izigaba zokucwangciswa ezinokusetyenziswa zithathu, zezi:

- IsiGaba 1 – ukupuhuhlisa *iSakhelo seSabjekthi* kumabanga 10-12
- IsiGaba 2 – ukupuhuhlisa *iShedyuli yoMsebenzi* kwibanga ngalinye
- IsiGaba 3 – ukupuhuhlisa *iiPlani zesiFundo*

IMIBANDELA EKUFUNEKA INIKWE INGQWALASELA



Kucetyiswa ukuba ootishala besabjekthi kwisikolo okanye kwiklasta yezikolo kufuneka kuqala benze isakhelo esimbaxa sesabjekthi (iSakhelo seSabjekthi) esilungiselelwe amabanga amathathu khon'ukuze bakwazi ukuwuqonda umxholo wesabjekthi kunye noqhubekeko ekufuneka lwenziwe kuwo onke amabanga . Oku kungaluncedo kakhulu xa kusabiwa umxholo webanga ngalinye. Emva koko, ootishala besabjekthi abafundisa ibanga elinye kufuneka basebenze kunye baphuhlise iShedyuli yoMsebenzi wonyaka. IShedyuli yoMsebenzi kufuneka ibonise ulandelelwano lomxholo oza kwenziwa kwisabjethi kwibanga elo . Okokuggibela, utitshala ngamnye kufuneka azenzele iiPlani zesiFundo ngokwakhe esebezisa iShedyuli yoMsebenzi elungiselelwe ibanga elithile njengesiseko. iiPlani zesiFundo kufuneka ziuke imisebenzi eza kufundwa, imisebenzi eza kufundiswa nemisebenzi eza kuhlolwa misebenzi leyo ebonakalisa iziPhumo zesiFundo nemiGangatho yoHlolo njengoko ibhaliwe kwidotyhumenti

yeeNkcazelo zeSabjekthi . Nangona iiNkqubo zokuFunda kufuneka zinike ingqwalasela kwindlela izikolo namagumbi okufundela ezahluke ngayo, kodwa wona undoqo womxholo wekharityhulam kazwelonek kufuneka ubonakale.

Isakhelo senkqubo esetyenziswayo xa kuyilwa iNkqubo yokuFunda siyafumaneka.

UKUYILA INKQUBO YOKUFUNDA

Ingcaciso enabileyo malunga nenqubo esetyenziswayo kuyilo lweNkqubo yokuFunda ifumaneka kwidotyhumenti yeZikhokelo zeNkqubo yokuFunda. Kwisigaba sokuqala, kupuhliso lweSakhelo seSabjekthi akukho nto ininzi kangako ibhalwayo kodwa ootishala bayacetyiswa ukuba bachithe ixesha kunye nabacebisi ngesabjekthi baxoxe ngokunzulu ngezakhono, ulwazi neevelyu zentlalo njengoko zichaziwe kwidotyhumenti yeeNkcazelo zeSabjekthi. Yile ngxoxo kuphela enokuqinisekisa ukuba umgangatho wokufunda nokufundisa uyaphuhliswa eklasini.

Xa kuggityiwe ukwenziwa kweSakhelo seSabjekthi, ootishala kufuneka baphuhlise iiShedyuli zoMsebenzi neePlani zesiFundo. Imizekelo yeeShedyuli zoMsebenzi neePlani zesiFundo inikiwe kwiziKhokelo zeNkqubo yokuFunda. Ootishala bayakhuthazwa ukuba bazinike ingqwalasela eyodwa ezi fomathi bandule ukupuhhlisa ezabo.

- Ukupuhhlisa iSakhelo seSabjekthi (amaBanga 10-12)**

Xa kuplanwa indlela ekuza kufundiswa ngayo iisabjekthi kumaBanga 10-12 kufuneka kuqala kophononongwe ngokunabileyo ububanzi besabjekthi njengoko bubhaliwe kwiNkcazelo yeSabjekthi. Akukho fomathi okanye ithempleythi ethile ekhethekileyo elungiselelwukuba isetyenziswe kwesi sigaba sokuqala sokuplana kodwa amanyathelo anokusetyenziswa kufuneka asetyenziswe njengetshekhlisti.

Nangona kungekho dotyhumenti egqaliselweyo ekufuneka isetyenziswe kwesi sigaba sokuplana, indlela ekuplanwa ngayo kwisikolo gabalala (iithaymtheyibhile, uthengo lweencwadi, upuhhliso lootitshala, ulwabiwo lweeklasi) kunye nophuhliso lweeshedyulu zomsebenzi ezilungiselelwukuba ibanga elithile ngamaxwebhu angaluncedo kakhulu:

- Ububanzi besabjekthi – ulwazi, izakhono neevelyu (ii-value); umxholo; iimeko okanye imixholo; nezinye izinto ezonezelelweweyo, njalo njalo eziza kwensiwa kumabanga amathathu esabjekthi nganye.
- Iplani yohloloyeminyaka emithathu yesabjekthi.

- Ilisti ye-LTSM efunekayo kwisabjekthi.

ISAKHELO SESABJEKTHI

IsiPhumo sokuFunda 1: UkuPhulaphula nokuThetha

Umfundi uyakwazi ukuphulaphula nokuthetha ekwenza oko ngokweenjongo ezahlukeny, ekwenzela abaphulaphuli abaziindidi ngeendidi neemeko-bume ezahlukeny.

GH	AmaBang 10-12 Sikwazi oku xa umfundi enoku:	ULWAZI, IZAKHONO NEEVELYU (Ukuqhubekeka kuboniswa ngezenzi, izichazi, izihlomelo neengqiqo ezibhalwe ngqindilili)	UMXHOLO	IZIXHOBO ZOKUFUNDISA
----	--	--	---------	-------------------------

1	<p>bonisa ulwazi ngeendidi ezahlukeneyo zoqhagamshelwano ngomlomo ezisetyenziswa kubomi bemihla ngemihla</p> <p>:</p>	<ul style="list-style-type: none"> • funda uze wabelane (nabanye) ngezimvo, bonakalisa ingqiqo enzulu malunga nemibandela ethile, dandalazisa nika ulovo ngokwamava akho, kuxhase okuthethayo, nika impendulo engalungiswanga, balisa ibali; • qalisa incoko uze uyiqhubele phambili (ngokupuhhlisa kwiBanga 10) (ngokubonisa kwiBanga 11-12) ngokulandela imigaqo yokunika onkokola naye ithuba lokuncokola, vala izikhewu kwincoko yenu uze ukhuthaze ukuba kukho imfuneko yoko; ukunika nokulandela izalathisi nemiyalelo (kwiBanga 10) ngokukhulayo kuchaneko (kwiBanga 11)/(ngokuchanekileyo – kwiBanga 12); • thabatha inxaxheba (ngokuvakalayo – kwiBanga 12) kwiingxoxo zamaqela ngokuvakalisa iingeinga nezimvo zakho uze uphulaphule nezimvo neengeinga zabanye ubonakalise intloniphko kuzo, ungelela ukubuyisela ingxoxo emendweni elixa nioxoa malunga nemibandela enjengobandakanyo nobungangamsha, kunye nemiba yokusingqongileyo, ukubona okuhle nokubi, ezentlalo nenkcubeko namalungelo oluntu; ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo (iingxoxo zephaneli – kwiBanga 11-12), iingxoxo-mpikiswano, (iiforam kwiBanga 12) kunye neentlanganiso ezisesikweni, ukulandela imigaqo elandelwayo echanelekileyo; ukwazisa isithethi (kwiBanga 10) (ngokufanelekileyo – kwiBanga 11-12) nokwenza amazwi ombulelo; • ukuqhuba ngokutsolileyo izakhono zokuqhuba udliwanondlebe uze unike ingxelo enzulu ngokufumanisileyo kudliwanondlebe xa kufanelekile. - kwiBanga 10 / ukusebenzisa izakhono zokuqhuba udliwanondlebe uze unike ingxelo enzulu ngokufumanisileyo kudliwanondlebe xa kufanelekile – kwiBanga 11-12. 	<p>Imigaqo yokunikana amathuba Iintetho ezisesikweni nezingekho sikweni Incoko yababini Udliwanondlebe Ukwazisa isithethi Amazwi ombulelo Isincomo Umbulelo Iingxoxo-mpikiswano Iingxoxo Iingxoxo zephaneli (kumaBanga 11-12) Iiforam (kwiBanga 12) Ukunika iingxelo Ukuvakalisa izimvo zakho/ ukuphawula Izalathisi Imiyalelo Ukumela ulovo oluthile Ukubalisa ibali Iingxoxo zamaqela</p>	<p>Iixhobo zokufundisa zomlomo, ezimanyelwayo, ezimanyelwa-zibonwa nezemalthimidiya Imihlathana emifutshane nezincko ezide Imihlathana yokufundisa yokwalathisa nokunika ulwazi oluthile Iixhobo zokufundisa ezongezelelweyo</p>
---	--	--	---	---

2	<p>bonisa izakhono zokucwangcisa ngokukuko nokuqhuba uphando ulungiselela ukwenza iiprizenteyshini ngomlomo:</p>	<p>ukuphanda ngesihloko ngokujonga uluhlu lwezixhobo zokufundisa ezinikiweyo nezichanekileyo (kwiBanga 10)/ ukuphanda ngesihloko ngokujonga uluhlu lwezixhobo zokufundisa – iBanga 11-12;</p> <p>ukuqulunqa ulwazi ngokundindeneyo ngokuchonga iingongoma eziphambili kanye neenkukacha okanye imizekelo exhasayo – kwiBanga 10/ ukuqulunqa ulwazi ngokundindeneyo ngokuchonga iingongoma eziphambili kanye neenkukacha ezivakalayo nezichanekileyo okanye imizekelo exhasayo – kwiBanga 11-12;</p> <ul style="list-style-type: none"> • yalatha uze uchonge (ilungele iBanga 11-12) iifomathi, isigama esifanelekileyo kanye nezakhi nemigaqo yolwimi echanekileyo; ukuqulunqa iintshayeelo neziphelo (ezifanelekileyo – kwiBanga 11-12); • quka kwalapha izixhobo zokuncedisa ezifanelekileyo ezibukelwayo, ezimanyelwayo nezibukelwa-zimanyelwa ngaxeshanye ezinjengeetshathi, iipowusta, iifoto, izilayidi, imifanekiso, umculo izandi nobuchwepheshe bezemidiya. 	<p>Uphando olulungiselewe iprizenteyshini ngomlomo Izixhobo zokuncedisa ezifanelekileyo ezibukelwayo, ezimanyelwayo nezibukelwa-zimanyelwa ngaxeshanye ezinjengeetshathi, iipowusta, iifoto, izilayidi, imifanekiso, umculo izandi nobuchwepheshe bezemidiya.</p>	
3	<p>bonisa izakhono zokumamela nokwenza iiprizenteyshini zomlomo ngokutyibilikayo nangokuvakalayo:</p>	<ul style="list-style-type: none"> • usebenzisa (nokuphonononga – kwiBanga 12) izixhobo zokuthetha ezifana nemibuzo-buciko, ukumana unqumama nokuphindaphinda ubethelela oko ukuthethayo; • sebenzisa imvakalozwi, ukunyusa usehlisa ilizwi, isantya sokuthetha, unamatelise amehlo kubaphulaphuli, ume ngendlela efanelekileyo, usebenzise izijkekuo ngokuchanekileyo uze uphendule ngokufanelekileyo (ilungele – iBanga 12); • biza amagama ngokukuko ungayitshintshi intsingiseloyawo; • bonisa ukukuqonda okuthethwayo ngokubhala phantsi iingongoma eziphambili kanye/okanye izimvo ezixhasayo ngokubhala phantsi amanqaku, iitshekhlisti, izishwankathelo nokubeka ngawakho amagama kanye/okanye ngokuphindu ubalise ucacise 	<p>Imibuzo-buciko Ukunqumama Uphindaphindo; Imvakalozwi Indlela athetha ngayo Isantya Ukunamathisela amehlo Indlela yokuma xa uthetha nezijkekuo; Indlela yokubiza amagama Iinowutksi, iitshekhlisti, izishwankathelo, ukubeka intetho ngenyre indlela Ukubalisa ngokutsha Iingcaciso Imibuzo efuna ingcaciso ethe vetshe</p>	<p>Izixhobo zokufundisa zomlomo, ezimanyelwayo, ezimanyelwa-zibonwa nezemalthimidiya Imihlathana emifutshane nezincoko ezide Imihlathana yokufundisa yokwalathisa nokunika ulwazi oluthile Izixhobo zokufundisa ezongezelelweyo</p>

		<p>(nokucacisa kwiBanga 11-12);</p> <ul style="list-style-type: none"> • phulaphulisisa ngokukuko wandule uphendule imibuzo ukunika ingcaciso ethe vetshe. 		
4	bonisa ingqiqo enzulu ngosetyenziso lolwimi kwiimeko-bume zokuthethwayo:	<p>ukusebenzisa (nokuphendla –kwiBanga 12) izimbo zokuthetha neendlela zokuthetha ezifanelekileyo ukuze zihambelane nenjongo, abaphulaphuli nemeko-bume; ukuqaphela nokucacisa ngeelwimi zengingqi ngokwengqiqo nokuzazi ngokukkulayo – kwiBanga 10 / ukuqaphela, ukuqonda nokwazi iilwimi zengingqi kwiBanga 11-12; ukuchonga nokusebenzisa iindlela ngeendlela zokuphembelela kwiimeko eziqhelekileyo – kwiBanga 10 / ukuchonga nokusebenzisa uluhlu lweendlela ngeendlela zokuphembelela – kwiBanga 11-12); ukwahlula phakathi kwezinto eziyinyaniso nezimvo – kwiBanga 10/ ukwahlula phakathi kwezinto eziyinyaniso nezimvo nokunika ubungqina – kwiBanga 11 / ukwahlula phakathi kwezinto eziyinyaniso nezimvo nokunika ubungqina nkqu naxa busithele/bufihlakele – kwiBanga 12; ukuzigqibela ngento nokuthatha isigqibo nokuxhasa/ukuxoxela – kwiBanga 10/ ukuzigqibela ngento nokuthatha isigqibo nokuxhasa/ukuxoxela ngobungqina – kwiBanga 11/ ukuzigqibela ngento nokuthatha isigqibo nokuxhasa/ukuxoxela ngobungqina obuvakalayo – kwiBanga 12; ukuphonononga – kwiBanga 10/ ukucacisa ukuba ukushiyelewa ngabom kwengombolo yowlazi ethile okanye ukufakelwa kwayo ngabom kuyayitshintsha intsingiselo – kwiBanga 11-12; ukuqaphela (uze uphendle – kwiBanga 12) ifuthe lweetlobo zolwimi njengolwimi lwezobuchwepheshe okanye ulwimi olusetyenziswa kumsebenzi othile (umzekelo, ubugcirha);</p>	<p>Izimbo neendlela zokuthetha iilwimi zengingqi ezahlukenyeyo Iindlela zokuphembelela Izinto eziyinyaniso nezimvo Ukuzigqibela ngento nokuthatha isigqibo Ubandakanyo okanye uchwethelo ecaleni lolwazi oluthile ngabom Iimo zolwimi ezinjengolwimi lwezobuchwepheshe nolwimi olusetyenziswa kuphela kumsebenzi othile Ulwalamano phakathi kolwimi nenkcubeko, naphakathi kolwimi negunya/nolawulo Ulwimi olungeemvakalelo noluqhathayo/olulalanisayo, olubonisa imbono ejonge calanye, imbono edleleelayo nengcinga ecalanye njengepropaganda nezibhengezo ntengiso</p>	<p>Izixhobo zokufundisa zomlomo, ezimanyelwayo, ezimanyelwa-zibonwa nezemalthimidiya Imihlathana emifutshane nezincoko ezide Imihlathana yokufundisa yokwalathisa nokunika ulwazi oluthile Izixhobo zokufundisa ezongezelelweyo</p>

		ukuqaphela/ (ukucacisa – kwiBanga 12) ulwalamano phakathi kolwimi nenkcubeko, naphakathi kolwimi negunya/ulawulo; ukuqaphela uze ucel'umngeni kulwimi oluxhokonkxa iimvakalelo nolulalanisayo/oluqhathayo, olutyekele kwicala elithile, oludlelelela icala elithile noluthethela icala elithile umzekelo <i>ipropaganda</i> nezbihengezonengiso.		
--	--	---	--	--

IsiPhumo sokuFunda 2: UkuFunda nokuBukela (ukuLolonga)

Umfundi uyakwazi ukufunda nokubukela (nokulolonga) ukuze akwazi ukuqonda nokuphendla ngokuqiqa nokukwazi ukuphendula kuluhlu lweembhalo ezininki.

A	AmaBanga 10-12	ULWAZI, IZAKHONO NEEVELYU <i>(Ukuqhubekeka kuboniswa ngezenzi, izichazi, izihlomelo neengqiqo ezibhalwe ngqindilili)</i>	UMXHOLO	IZIXHOBO ZOKUFUNDISA
1	Sikwazi oku xa umfundu enoku: 1 Bonisa iindlela ngeendlela ezahlukeneyo zokufunda nokubukela ukuqonda/ukulandela oko ukufundayo/ukubukeleyo :	<p>buza imibuzo (ecacileyo – kwiBanga 10) ukuze ukwazi ukwenza ingqikelelo;</p> <p>yithi krwaqu iiimbalo eziyimihlathi walathe iingongoma eziphambili ngokufunda izihloko, iintshayebole, imihlathi yokuqala nezivakalisi zemihlathi yokutshayeleta;</p> <p>funda ngokukhawuleza imihlathi ebhaliweyo ukhangela iinkukacha ezixhasayo;</p> <p>funda ngokutiyibilikayo ubaze iindlebe zakho ugxininisa kwinjongo nomsetyenzana lowo;</p> <p>shwankathela iiimbono eziphambili nezixhasayo ngokwamanqaku, ngokwezivakalisi – kwiBanga 10 nangokwemihlathi – kwiBanga 11-12);</p> <p>ukunika intsingiselo ngamagama angaqhelekanga okanye imifanekiso kwimixholo ekhethiweyo ngokusebenzisa ulwazi ngegrama, izakhono zokucazulula intsingiselo yegama: izikhokelo ezingomxholo, isandi, ibala, idizayini yalo, indawo elikuyo nokusebenzisa imizwa (senses) - kwiBanga 10/ ukunika intsingiselo ngamagama angaqhelekanga okanye imifanekiso kwimixholo eqhelekileyo ngokusebenzisa</p>	<p>Ukwenza ingqikelelo Krwaqula (iingongoma eziphambili, izihloko, iintshayebole, imihlathi yokuqala nezivakalisi zokutshayeleta) Ukubalekisa amehlo kokufundwayo (iinkukacha ezixhasayo) Ukufunda uthe cwaka (ujolise kwinjongo nomsebenzi) Ushwankathelo (iingongoma eziphambili nezixhasayo ngokwamanqaku, ngokwezivakalisi nangokwemihlathi) Ulwazi ngegrama, izakhono zokucazulula intsingiselo yegama: Izikhokelo ezingomxholo, isandi, ibala, idizayini yalo, indawo elikuyo nokusebenzisa imizwa (senses); Ukufunda ngokutsha Ukuphendla Ukuhlaziya</p>	<p>Imihlathana emifutshane nezincoko: Uncwadi oluhlalutywayo: <i>inoveli, ibali elifutshane, intsoyi/intsoyi, ilivo</i></p> <p><i>IsiHobe idrama nofundon gefilimu</i></p> <p>Okubhaliweyo okubukelwayo, okumanyelwayo nemalthi-midiya: <i>ufundo ngefili, idrama yethivi neyerediyo</i></p>

		<p>ulwazi ngegrama, izakhono zokucazulula intsingiselo yegama: izikhokelo ezingomxholo, isandi, ibala, idizayini yalo, indawo elikuyo nokusebenzisa imizwa (senses) ukukunika intsingiselo ngamagama angahelekanga okanye imifanekiso kwimixholo eqhelekileyo nengahelekanga ngokusebenzisa ulwazi ngegrama, izakhono zokucazulula intsingiselo yegama: izikhokelo ezingomxholo, isandi, ibala, idizayini yalo, indawo elikuyo nokusebenzisa imizwa (senses). fundisia ngokutsha, phendla uze uhlaziye ngokutsha ukukhuthaza ingqiqo enzulu.</p>	
2	cacisa intsingiselo yokubhaliweyo, okubukelwayo, okumanyelwayo nokumanyelwa-kubukelwa –kwiBanga 10/ phonononga intsingiselo yokubhaliweyo, okubukelwayo, okumanyelwayo nokumanyelwa-kubukelwa – kwiBanga 11-12:	<p>khangel/funa (kulungele – iBanga 12) ingombolo ngolwazi echanekileyo nenkcukacha kokubhaliweyo; qaphela (uze ucacise – kwiBanga 12) indlela urchongo noshiyelelo lokubhaliweyo oluchaphazela ngayo intsingiselo; yahlula phakathi kwento eyinyaniso nolovo, wandule unike olwakho ulovo kwiBanga 10/ yahlula phakathi kwento eyinyaniso nolovo, wandule uxhase olwakho ulovo kwiBanga 11-12; qaphela (cacisa – kwiBanga 12) umahluko phakathi kwentsingiselo ecacileyo nentsingiselo efihlakeleyo; qaphela – kwiBanga 10 (cacisa – kwiBanga 11-12 ulovo lombhai/umbalisi/umlinganiswa wandule unike ubungqina obuxhasayo obuvela kokubhaliweyo; qaphela (cacisa - kwiBanga 12) ngesimo-ntlalo sezopolitiko, ezentlalo nenkcubeko kokubhaliweyo; qaphela uze ucacise ifuthe lwezangotshe zolwimi, imibuzo-buciko nezafobe ezinjengesikweko, isifaniso, isimntwiso, izifanodumo, uphuphelelo, isimbolizim, ubaxo/ubabazo, uchasaniso, izihlekiso nezigqibelo kwintsingiselo yokubhaliweyo – kwiBanga 10/ qqaphela uze ucacise ifuthe lwezangotshe zolwimi, imibuzo-buciko nezafobe ezinjengesikweko, isifaniso, isimntwiso, izifanodumo, uphuphelelo, isimbolizim, ubaxo/ubabazo, uchasaniso, izihlekiso, i-satire ne-anticlimax nezigqibelo kwintsingiselo yokubhaliweyo –</p>	<p>Uchongo noshiyelelo kwizicatshulwa Into eyinyaniso nolovo Intsingiselo etsolileyo nefihlakeleyo Uluvo lombhai/lombalisi/lomlinganiswa Isimo-ntlalo sezopolitiko, esentlalo nenkcubeko kwizicatshulwa. Izangotshe zolwimi, imibuzo-buciko nezafobe ezinjengesikweko, isifaniso, isimntwiso, izifanodumo, uphuphelelo, isimbolizim, ubaxo/ubabazo, uchasaniso, izihlekiso nezigqibelo. <i>Ii-Pun, ii-caricature, ii-paradox, i-antithesis</i> – kwiBanga 12. Oko agqiba kuko umbhali Izigqibo ezithatha ngumbhali – kwiBanga 12 Izicatshulwa ezinemifanekiso Impendulo zakhe kwizicatshulwa.</p> <p>Imihlathana emifutshane nezincoko Uncwadi oluhlahlutywayo: <i>inoveli, ibali</i> <i>elijutshane,</i> <i>intsoyiintsoyi, ilivo</i> <i>IsiHobe</i> <i>idramanofundo</i> <i>ngefilimu</i> Okubhaliweyo okubukelwayo, okumanyelwayo nemalthi-midiya: <i>ufundo ngefilimu,</i> <i>idrama yethivi</i> <i>neyerediyo</i></p>

		<p>kwiBanga 11/ qaphela uze ucacise ifuthe lwezangotshe zolwimi, imibuzo-buciko nezafobe ezinjengesikweko, isifaniso, isimntwiso, izifanodumo, uphuphelelo, isimbolizim, ubaxo/ubabazo, uchasaniso, izihlekiso nezigqibelo, <i>ii-puns, i-caricature, i-paradox, i-antithesis</i> kwintsingisel yokubhaliwego – kwiBanga 12.</p> <p>cacisa (ngezimvo – kwiBanga 12) nezigqibo zombhali uze uzithelekise nezakho; tolika izicatshulwa eziqhelekileyo ezinemifanekiso - kwiBanga 10 / tolika uze uphonononge uluhlu lwezicatshulwa ezinemifanekiso – kwiBanga 11 / tolika uze uphonononge uluhlu olubanzi lwezicatshulwa; nika uze uxhase ngokuvakalayo iimpendulo zakho kokubhaliwego (ngokuvakalayo – kwiBanga 12).</p>		
3	qaphela indlela ulwimi kunye nemifanekiso olubonisa ngayo noluguqula ngayo <i>ii-value</i> <i>nee-attitude</i> kwizicatshulwa:	<p>chonga uze (ucacise – kwiBanga 11-12) <i>ii-value</i> zezentlalo, zenkcubeko nezopolitiko, <i>ii-attitude</i> neenkolو njengeendlela ekucingwa ngazo ngemibandela yesini, yodidi oluthile lwabantu, ubudala, amagunya, amalungelo oluntu, ubandakanyo nokusingqongileyo; qaphela (cacise – kwiBanga 11-12) imo yengcinga ecalanye, edleleelayo nebandlululayo.</p>	<p>IziNto zeXabiso (<i>ii-value</i>) neendlela zokucinga (<i>nee-attitude</i>): <i>ii-value</i> zezentlalo, zenkcubeko nezopolitiko, iindlela zokucinga neenkolو njengeendlela ekucingwa ngazo ngemibandela yesini, yodidi oluthile lwabantu, ubudala, amagunya, amalungelo oluntu, ubandakanyo nokusingqongileyo; imo yengcinga ecalanye, edleleelayo nebandlululayo.</p>	<p>Imihlathana emifutshane nezincoko Uncwadi oluhlalutywayo: <i>inoveli, ibali</i> <i>elifutshane,</i> <i>intsoyi/intsoyi, ilivo</i> <i>IsiHobe</i> <i>idramanofundo</i> <i>ngefilimu</i> Okubhaliwego okubukelwayo, okumanyelwayo nemalthi-midiya: <i>ufundo ngefilimu,</i> <i>idrama yethivi</i> <i>neyerediyo</i></p>
4	phendla iimpawu eziphambili zokubhaliwego uze ucacise indlela	<p>Δ Imihlathana emifutshane nezincoko:</p> <ul style="list-style-type: none"> • qaphela uze ucacise injongo, isakhiwo nosetyenziso 	<p>Imihlathana emifutshane nezincoko: Injongo, isakhiwo nosetyenziso</p>	Imihlathana emifutshane

<p>ezinegalelo ngayo kwintsingiselo (<i>ezi mpawu akufanelekanga ukuba zifundiswe zizimele geqe</i>):</p>	<p>lolwimi kokubhaliwyo kwikharityhulam gabalala njengeengxelo, imigaqo elandelwayo, ukubalisa kwakhona, iinkcaza, iinkcazel neengcaciso;</p> <ul style="list-style-type: none"> chonga uze ucacise ifuthe lezixhobo ezisetyenziswa ekubhaleni ezinjengosetyenziso lweendidi zefonti neesayizi zazo, izihlokwana kunye nemibhalo ekhapha imifanekiso, njalo njalo (ngokuncediswa – kwiBanga 10). <p>Δ uncwadi olubhaliwyo:</p> <p><i>inoveli, ibali elifutshane, intsomi/iintsomi zakudla, ilivo:</i></p> <ul style="list-style-type: none"> chaza (cacisa – kwiBanga 11 – 12 uze utolike – kwiBanga 12) upuhhliso lweploti, iplotana, impixano, umlinganiswa nendima yombalisi aphi kufanelekileyo; chonga uze ucacise imiyalelo nemixholo wandule uyinxibeelanise nemihlomlo echongiweyo kwincwadi iyonke / cacisa uze utolike imiyalezo nemixholo kunye nokubaluleka kwayo kwincwadi iyonke – kwiBanga 12; Chaza – kwiBanga 10 (cacisa – kwiBanga 11) (tolika/cazulula/hlalutya – kwiBanga 12) indlela imvelaphi nesimo sentlalo esinxibelelene ngayo nomlinganiswa kunye/okanye umxholo; chaza – kwiBanga 10 (cacisa – kwiBanga 11) (tolika/cazulula/hlalutya – kwiBanga 12) imeko-bume, isicingo sexesha, (izigqebelo – kwiBanga 11-12) nesiphelo. <p><i>IsiHobe:</i></p> <ul style="list-style-type: none"> qaphela – kwiBanga 10 (cacisa – kwiBanga 11) (tolika/hlalutya – kwiBanga 12) ngendlela uchongo lwesigama, izigaba zentetho, imifanekiso-ntelekelelo nezandi oluchaphazela ngayo imeko-bume, intsingiselo nomxholo; qaphela (cacisa – kwiBanga 12) ngendlela imigca, izitanza, isinqi, isinqisho nosetyenziso lweempawu 	<p>lolwimi kokubhaliwyo kwikharityhulam gabalala njengeengxelo, imigaqo elandelwayo, ukubalisa kwakhona, iinkcaza, iinkcazel neengcaciso</p> <p>Ifuthe leendlela ngeendlela zokubhala ezisetyenziswa ekubhaleni ezinjengosetyenziso lweendidi zefonti neesayizi zazo, izihloko namagama akhapha imifanekiso</p> <p>Uncwadi oluhlalutywayo:</p> <p><i>Inoveli, ibali elifutshane, intsomi/iintsomi, ilivo:</i></p> <p>Iploti, iplotana, impixano, umlinganiswa nendima yombalisi Imiyalelo nomxholo</p> <p>Imvelaphi nesimo sentlalo esinxulumene ngayo nomlinganiswa kunye/okanye nomxholo</p> <p>Imeko-bume, isicingo sexesha (i-timeline), izigqebelo (kwiBanga 11-12) nesiphelo.</p> <p><i>IsiHobe:</i></p> <p>Uchongo lwesigama, imifanekiso-ntelekelelo nezandi ezinefuthe ngayo kwisimo, intsingiselo nomxholo</p> <p>Imigca, iimo zeztanza, isinqisho, isinqi, nezinye iindlela zophindaphindo neempawu zokubhala ezichaphazela intsingiselo.</p> <p><i>Idramanofundo ngefilimu:</i></p> <p>Incoko phakathi kwababini nesenzo ngokunxulumene nomlinganiswa nomxholo;</p>	<p>nezincko Uncwadi oluhlalutywayo: <i>inoveli, ibali elifutshane, intsomi/iintsomi, ilivo IsiHobe idramanofundo ngefilimu</i> Okubhaliwyo okubukelwayo, okumanyelwayo nemalthi-midiya: <i>ufundo ngefilimu, idrama yethivi neyerediyo</i></p>
---	--	---	--

	<p>zokubhala ezinefuthe ngayo kwintsingiselo.</p> <p><i>Idramanofundo ngefilimu:</i></p> <ul style="list-style-type: none"> • qaphela (uze ucacise – kwiBanga 11-12) indlela incoko phakathi kwababini nesenzo enxulumene ngayo nomlinganiswa kunye nomxholo; • chaza – kwiBanga 11 (ucacise – kwiBanga 11- 12 uze utolike – kwiBanga 12) iploti, iplotana, ukuzotywa kwabalinganiswa, impixano nenjongo yedrama (kunye nesiqqebelo kwidrama – kwiBanga 11- 12); • qaphela - kwiBanga 10 (cacisa -kwiBanga 11-12) uze utolike – kwiBanga 12) isakhiwo sedrama nezalathiso kwisteyiji sedrama. <p>A okubhaliwego okubukelwayo, okumanyelwayo nokwemalthi-midiya:</p> <p><i>Ufundon gefilimu, idrama yethivi neyerediyo:</i></p> <ul style="list-style-type: none"> • chonga uze uchaze – kwiBanga 10 umyalezo nomxholo/ chonga uze ucacise – kwiBanga 11 umyalezo nomxholo/ chonga uze utolike – kwiBanga 12 umyalezo nomxholo; • Qaphela – kwiBanga 10 (cacisa ngefuthe lweendlela ngeendlela zokubukelwayo, okumanyelwayo nokumanyelwa-kubukelwa ngaxeshanye njengokusetyenziswa kombala, utoliko lwentetho esetyenziswayo, isakhiwo salo, incoko phakathi kwababini, umculo, isandi, usetyenziso lwezikhanayisi, ukuhlela, ufanekiso, izimbo zokuthwebula umfanekiso, iindlela ngeendlela zokusebenzisa ikhamera, intshukumo yekhamera, ukuzisa ngaphambili nokusa ngasemva kumfanekiso. 	<p>iploti, iplotana, ukuzotywa kwabalinganiswa, impixano nenjongo yedrama (nesiqqebelo kwidrama – kwiBanga 11-12); Isakhiwo sedrama nezalathiso kwisteyiji sedrama.</p> <p>Okubhaliwego okubukelwayo, okumanyelwayo nemalthi-midiya:</p> <p><i>Ufundon gefilimu, idrama yethivi neyerediyo:</i></p> <p>Umyalezo nomxholo; Ifuthe lweendlela ngeendlela zokubukelwayo, okumanyelwayo nokumanyelwa-kubukelwa ngaxeshanye njengokusetyenziswa kombala, utoliko lwentetho esetyenziswayo, isakhiwo salo, incoko phakathi kwababini, umculo, isandi, usetyenziso lwezikhanayisi, ukuhlela, ufanekiso, izimbo zokuthwebula umfanekiso, iindlela ngeendlela zokusebenzisa ikhamera, intshukumo yekhamera, ukuzisa ngaphambili nokusa ngasemva kumfanekiso.</p>	
--	---	---	--

IsiPhumo sokuFunda 3: UkuBhala nokuPrizenta okubhaliweyo (nokuNikezela)

Abafundi bayakwazi ukubhala nokuprizenta okubhaliweyo bekwenzela iinjongo kanye nabafundi ngeendlela ezahlukeneyo besebenzisa iifomathi ezifanelekileyo kanye nemigaqo yokubhala eyamkelekileyo ngokweemeko-bume ezahlukeneyo.

A	AmaBang 10-12 Sikwazi oku xa umfundu enoku:	ULWAZI, IZAKHONO NEEVELYU (Ukuqhubekeka kuboniswa ngezenzi, izichazi, izihlomelo neengqiqo ezibhalwe ngqindilili)	UMXHOLO	IZIXHOBO ZOKUFUNDISA
1	bonisa izakhono zokuplana/zokucwangcisa xa kubhalwa ngenjongo, abafundi nomxholo othile:	cacisa iimfuno zemisebenzi eyahlukeneyo - kwiBanga 10/ cacisa iimfuno zoluhlu lwemisebenzi – kwiBanga 11 / cacisa iimfuno zemisebenzi zoluhlu olubanzi lwemisebenzi – kwiBanga 12; chonga abafundi ojolise kubo kanye nenjongo ethile njengokubalisa, ukonwabiswa, ukulukuhla, ukuxoxa, ukuchaza, ukwazisa, (ukuhlalutya – kwiBanga 12), ukucacisa nokusebenzisa into; chonga uze ucacise ngeendidi zokubhalwayo ezinokuvveliswa njengengqikelelo, ukunika ulwazi, ukuyila, uqhagamshelwano ngobhalo lwemihla ngemihla nemalthi-midiya; thatha isigqibo uze usebenzise isimbo esifanelekileyo, uluvo nefomathi yokubhalwayo; phanda izihloko ezivela kwimithombo yolwazi/kwiincwadi eziqhelekileyo nokurekhoda okufunyenweyo – kwiBanga 10 / phanda izihloko ezivela kwiindidi ezahlukeneyo zemithombo yolwazi/kwiincwadi nokurekhoda okufunyenwey – kwiBanga 11 / phanda izihloko ezivela kwiindidi ezahlukeneyo nezibanzi zemithombo yolwazi/kwiincwadi nokurekhoda okufunyenweyo - kwiBanga. 12; khomba indawo efumaneka kuyo, ukuza nayo into, ukuchonga, ukubekelela nokuthungelelanisa ulwazi oluhambelanayo oluvela kwimithombo yolwazi eqhelekileyo / khomba indawo efumaneka kuyo, ukuza nayo into,	<ul style="list-style-type: none"> ○ Ukuplana/ukucwangcisa nokubhala: ○ Imihlathana emifutshane: Izibhengezo-ntengiso Iibrowutsha isivi Incoko yababini Izingeniso kwidayari Imiyalezo ye-imetyl iifeksi Ileta ezisesikweni nezingekho sikweni eziya kumhleli Ileta ezisesikweni zokufaka isicelo somsebenzi, zesicelo, zesikhala, zovelwano, zesimemo, zombulelo, zeminqweno emihle neeleta zoshishino Ukugcwaliswa iifom Ileta zobuhlobo Amakhadi ezimemo Amanqaku emagazini Imemorandam Imizuzu ne-ajenda Amanqaku ephephandaba Eyemiphanga Iiphamflethi Iiposikhadi Iingxelo (ezisesikweni nezingekho sikweni) 	Imihlathana emifutshane Izincoko Imihlathana yokufundisa yokwalathisa nokunika ulwazi oluthile Okubhaliweyo okubukelwayo, okumanyelwayo nemalthi-midiya

	<p>ukuchonga, ukubekelela nokuthungelelanisa ulwazi oluhambelanayo oluvela kwiindidi ezahlukeneyo zemithombo yowlazi/ khomba indawo efumaneka kuyo, ukaza nayo into, ukuchonga, ukubekelela nokuthungelelanisa ulwazi oluhambelanayo oluvela kwimithombo ebanzi yeendidi zemithombo yowlazi.</p> <p>guqula ingombolo yowlazi echongiwego uysisa kwenye imo uyise kwenye, njengokuguqula ulwazi olukwigrafu lube ngumhlathi;</p> <p>phuhlisa iimbono ezindindenyo wandule uziqulunqe ngokusebenzisa iindlela ngeendlela ezifana nesazobe sokucinga, iidayagram, izintlu zamagama aphambili neeflowu-tshathi;</p> <p>sebenzisa ezinye zezixhobo ezibukelwayo/ezibonwayo nezokudizayina/nezokuyila ngokufanelekileyo – kwiBanga 10 / sebenzisa uluhlu lwezixhobo ezibukelwayo/ezibonwayo nezokudizayina/nezokuyila ngokufanelekileyo – kwiBanga 11 / sebenzisa uluhlu olubanzi lwezixhobo ezibukelwayo/ezibonwayo nezokudizayina/nezokuyila ngokufanelekileyo – kwiBanga 12.</p>	<p>Uphengululo i-SMS</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Izincoko: Ezibalisayo, ezichazayo, ezocamngco, ezixoxela amacala onke ngokulinganayo, ezixoxela onke amacala kodwa zityekele kwelithile nezixoxayo gabalala Ukuphendula kuncwadi ○ ○ Imihlathana yokufundisa yokwalathisa nokunika ulwazi oluthile: Izingeniso kwisichazi-magama (uluhlu lopelo lwamagama akho buqu kunye neengcaciso zamagama) Izalathiso Imiyalelo Isazobe sokucinga neflowu-dayagram Amanqaku/iinowuthsi Iiprojekthi zophando Ushwankathelo ○ Okubhaliwego okubukelwayo, okumanyelwayo nemalthi-midiya: Izbihengezo-ntengiso Incoko yababini Iiflaya Intetho ezisesikweni nezingekho sikweni Udliwanondlebe Iipowusta Iiprizenteyshini ezinemifanekiso / nezandi Iiprojekthi zophando
--	--	---

			Iziqubulo / izilogani	
2	bonisa usetyenziso lweendlela ngeendlela kunye neengcebiso zokubhala kwiidrafti zokuqala:	<p>sebenzisa iimbono eziphambili nezixhasayo kwinkqubo yokucwangcisa/yokuplana – kwiBanga 10/ sebenzisa iimbono eziphambili nezixhasayo ngokuchanekileyo kwinkqubo yokucwangcisa/yokuplana – kwiBanga 11 - 12 ; lingisa ngefomathi nesimbo esilungiselelwe injongo zokubhala isincoko; chonga uze usebenzise izixhobo zesimbo nezemibuzobuciko ezichongiwego njengezafo, uchongo lвесигама, inkcazelو evakalayo, ilizwi nesimbo sombhali, imvakalozwi, iiimboli, umbala, indawo emi kuyo nesandi; sebenzisa iindidi ngeendidi zezivakalisi, kunye nezivakalisi ezinobude nezakhiwo ezahlukeneyo ngokufanelekileyo; sebenzisa imigaqо yokubhalwa komhlathi ukuqinisekisa undindano ngokusebenzisa izivakalisi zesihloko, intshayelelo nesiphelo, ulandelewano ngokuqiqayo lwemihlathi, unobangela nesiphumo, uthelkiso nochasaniso; sebenzisa izihlanganisi, izimelabizo nezhlomelo ukuqinisekisa undindano.</p>	<p>limbono eziphambili nezixhasayo Ifomathi nesimbo Izixhobo zesimbo nezemibuzobuciko ezichongiwego njengezafo, uchongo lвесигама, inkcazelо evakalayo, ilizwi nesimbo sombhali, imvakalozwi, iiimboli, umbala, indawo emi kuyo nesandi; Iindidi zezivakalisi Imigaqо yokubhalwa komhlathi ukuqinisekisa undindano ngokusebenzisa izivakalisi zesihloko, intshayelelo nesiphelo, ulandelewano ngokuqiqayo lwemihlathi, unobangela nesiphumo, uthelkiso nochasaniso; Izihlanganisi, izimelabizo nezhlomelo ukuqinisekisa uthungelwano nondindano.</p>	Imihlathana emifutshane Izincoko Imihlathana yokufundisa yokwalathisa nokunika ulwazi oluthile Okubhaliwego okubukelwayo, okumanyelwayo nemalthi-midiya
3	camngca, hlalutya uze uphendle umsebenzi wakho, uthathele ingqalelo uluvo lwabanye ngomsebenzi wakho wandule ukuprizenta imveliso yokugqibela epheleleyo:	<p>sebenzisa isethi ethile yemilinganiselo (yekhrayithiriya) yophononongo lwendlela abhale ngayo kunye nendlela abanye ababhale ngayo ze kwensiwe izilungiso – kwiBanga 10 / use set criteria for overall sebenzisa isethi ephеleleyo yemilinganiselo (yekhrayithiriya) yophononongo lwendlela abhale ngayo kunye nendlela abanye ababhale ngayo ze kwensiwe izilungiso – kwiBanga 11 - 12; kuphucula uthungelwano nondindwano lvesakhelo sonke; kuthathe ingqalelo (phonononga – kwiBanga 12)</p>	<p>Inkqubo yocamngco, yohlalutyo nophononongo Seta/misela imilinganiselo/ikhrayithiriya (irubrikhi) Uthungelwano nondindwano Umxholo, isimbo, indlela yokubhala nefuthe lako kunye nenjongo, abafundi nemeko-bume Uluvo lwakhe/imbono yakhe kunye neengxoxo Uchongo lвесигама isakhiwo</p>	Imihlathana emifutshane Izincoko Imihlathana yokufundisa yokwalathisa nokunika ulwazi oluthile Okubhaliwego okubukelwayo, okumanyelwayo nemalthi-midiya

	<p>ukuba ngaba umxholo, isimbo, indlela yokubhala nefuthe lako kunye nenjongo, abafundi nemeko-bume nolungelewaniso xa kukho imfuneko; kuqhubela phambili ngolovo/ngombono wakhe kunye neengxoxo ngokuzithemba okukhulayo – kwiBanga 10 / kuqhubela phambili ngolovo/ngombono wakhe kunye neengxoxo ngokuzithemba – kwiBanga 11 / kuqhubela phambili ngolovo/ngombono wakhe kunye neengxoxo ngokuzithemba okukhulayo ngokuzithemba ngokuggibeleleyo – kwiBanga 12; kuqwalasela ngokutsha uchongo lвесigama isakhiwo sesivakalisi nomhlathi, nokunciphisa iimpazamo ezicacileyo (intetho yolutsha/i-slant – kwiBanga 11-12), ulwimi oluxhokonkxayo (kunye nolwimi olusetyenziswa kumsebenzi othile olungafunekiyo/i-jargon – kwiBanga 11- 12 ; xa uqwaliasela ngokutsha, bonisa uvakalelo ngamalungelo oluntu nemibandela yezentlalo, ezenkcubeko, yezokusingqongileyo nokwazi ngokuhle nokubi njengemiba yezesini, ezobuhlanga, ukhubazeko, ubudala, izinga elithile entlalweni, indlala, indlela yokuphila, imvelaphi yohlanga oluthile, ezenkolo, ezelizwe gabalala, i-HIV ne-AIDS nezinye izifo; gqibezela idrafti yokugqibela ngokuyifundisisa uze uyihlele; prizenta idrafti yokugqibela ngokuthathela ingqalelo isimbo esifanelekileyo esinjengokubhala ngokucocekileyo okanye ipowusta etsala umda nemabalabala.</p>	<p>sesivakalisi nomhlathi Uncitshiso lweempazamo ezicacileyo, intetho yolutsha yemihla ngemihla/<i>i-slant</i>, ulwimi oluxhokonkxayo nolwimi olusetyenziswa kumsebenzi othile ngokungafunekiyo/<i>i-jargon</i> bonakalisa uvakalelo ngamalungelo oluntu nemibandela yezentlalo, ezenkcubeko, yezokusingqongileyo nokwazi ngokuhle nokubi njengemiba yezesini, ezobuhlanga, ukhubazeko, ubudala, izinga elithile entlalweni, indlala, indlela yokuphila, imvelaphi yohlanga oluthile, ezenkolo, ezelizwe gabalala, i-HIV ne-AIDS nezinye izifo; Ukufundisisa ulungisa iimpazamo Ukuhlela</p>	
--	---	--	--

IsiPhumo sokufunda 4: ULwimi (USetyenziso loLwimi)

Abafundu bayakwazi ukusebenzisa izakhi kunye nemigaqo yolkwimi ngokuchanekileyo nangokuvakalayo.

GH	AmaBanga 10-12	ULWAZI, IZAKHONO NEEVELYU (Ukuqhubekeka kuboniswa ngezenzi, izichazi, izihlomelo neengqizo ezibhalwe ngqindilili)	UMXHOLO	IZIXHOB ZOKUFUNDISA
	Sikwazi oku xa umfundi enoku:			
1	chonga uze acacise iintsingiselo zamagama andule awasebenzise ngokuchanekileyo kuluhlu olubanzi lokubhaliwego – kwiBanga 10/ nokucacisa iintsingiselo zamagama ngokuchanekileyo kuluhlu olubanzi lokubhaliwego - kwiBanga 11-12:	sebenzisa ulwazi (olulula – kwiBanga 10) (olubalulekileyo – kwiBanga 11) (uluhlu lwalo – kwiBanga 12) ngeendlela ngeendlela zopelo, imigaqo nemithetho yopelo lwamagama amatsha (kunye/okanye anzima – kwiBanga 11 – 12) nokuqlunqa ilisti yakhe yopelo lwamagama; sebenzisa (uluhlu – kwiBanga 12) lweziqhunqulelo noonobumba ngokuchanekileyo; sebenzisa izichazi-magama neethesorasi ngeenjongo ezahlukeneyo njengokuphanda ngeentsingiselo nokubizwa/nokuphinyiselwa kwamagama – kwiBanga 10/ use dictionaries and a thesaurus effectively sebenzisa izichazi-magama neethesorasi ngokuchanekileyo ngeenjongo ezahlukeneyo njengokuphanda ngeentsingiselo nokubizwa/nokuphinyiselwa kwamagama – kwiBanga 11 - 12; sebenzisa ulwazi ngeengcambu, izimaphambili nezimamva ukugqala intsingiselo (nomsebenzi woluhlu – kwiBanga 12) lwamagama amatsha; sebenzisa izibizo zesini, zezininzi nezinciphiso ngokuchanekileyo; sebenzisa uthelekiso ngokobukhulu nobuncinane lwezichazi nezihlomelo ngokuchanekileyo; qaphela – kwiBanga 10 (chonga – kwiBanga 11), (cacisa – kwiBanga 12) ngendlela iilwimi ezibolekisana ngayo ngamagama; yahlula phakathi kwamagama ekulula ukuba abhidiseke njengoomabizwafane, oomabizwahluke nezithethantonye nokuwasebenzisa ngokuchaneka okukhulayo – kwiBanga 10 (ngokuchanekileyo – kwiBanga 11-12); sebenzisa igama elinye endaweni yesiqwengana kunye noluhlu (oluqhelekileyo – kwiBanga 10)	Upelo: Iindlela ngeendlela zopelo, imigaqo nemithetho yopelo Izishunqulelo noonobumba Iintsingiselo nophimiselo/nokubizwa kwamagama Ukwakhiwa kwamagama: Iingcambu, izimaphambili nezimamva Izigaba zentetho: Izibizo: Isimi, izininzi nezinciphiso Izichazi (iziphawuli, izimnini nezibaluli) Izihlomelo Amagama emboleko Isemantiki: Oomabizwafane, oomabizwahluke Izithethantonye, izichasi nezichasaniso	Ii-textbook eziHlanganiswe noLwimi Nezinye ezichanekileyo

		<p>Iwezithethantonye, izichasi nezichasaniso ngokuchanekileyo.</p>		
2	sebenzisa izivakalisi ezakhiwe ngokuchanekileyo ngendlela enentsingiselo nevakalayo:	<p>chonga aze asebenzise izigaba zentetho ezinjengezibizo, izenzi, izimelabizo, izichazi nezihlomelo (kwezikhethiweyo – kwiBanga. 10), (kuluhlu Iwezigaba zentetho – kwiBanga 11), (kuluhlu olubanzi – kwiBanga 12) zeziyatshulwa ngokuchanekileyo nangokuvakalayo;</p> <p>kusebenzisa iimo neendidi zezenzi nezincedisi ukuvakalisa ixesha nohlobo kwiimeko eziqhelekileyo ngokuchanekileyo;</p> <p>sebenzisa iimo ezilandulayo ngokuchanekileyo;</p> <p>sebenzisa intloko, isivisa nenjongosenzi ngokuchanekileyo;</p> <p>sebenzisa izivakalisi ezilula ngokufanelekileyo wandule ubumbe izivakalisi (ezicacileyo nezivakalayo – kwiBanga 12) ezimbaxa nezixandileyo ngokusebenzisa amagatya entetho, iziqwenga zezivakalisi nezhlanganisi ngokuchanekileyo;</p> <p>qaphela nokusebenzisa iindidi ezaahlukenyeyo zezivakalisi ezinjengenkaza, imibuzo, imigqaliselo nemiyalelo ngokuchaneka okukhulayo (ngokuchanekileyo – kwiBanga 11-12);</p> <p>sebenzisa intetho-ngqo nengxelo ngokufanelekileyo (anike nesizathu sokuyisebenzisa – kwiBanga 12);</p> <p>sebenzisa intetho-ngqo nengxelo-ntetho ngokuchanekileyo (nokuze ibe nefuthe elifunekayo – kwiBanga 11-12);</p> <p>sebenzisa ulandelelwaniiso lwamagama ngokuchanekileyo kwizivakalisi (ngokuchaneka okukhulayo – kwiBanga 10-11) nokuqonda indlela ulandelelwaniiso lwamagama olunefuthe ngayo kwintsingiselo;</p> <p>sebenzisa izivumelanisi ngokuchaneka okukhulayo / sebenzisa izivumelanisi ngokuchanekileyo – kwiBanga 12;</p>	<p>Izigaba zentetho: izibizo Izenzi (iindidi neemo zezenzi nezincedisi ukuvakalisa ixesha, uhlobo neemo zolandulo) izimelabizo izichazi izihlomelo</p> <p>Ukwakhiwa kwezivakalisi neendidi zazo: Intloko, isivisa nenjongosenzi Inkcazel, imibuzo, imigqaliselo nemiyalelo Ukwakhiwa kwezivakalisi ezamkelekileyo ezimbaxa ngokusebenzisa amagatya, iziqwengana zezivakalisi nezdibani/nezihlanganisi Ulandelelwaniiso lwamagama kwizivakalisi ngokuchanekileyo</p> <p>Intetho ngqo nengxelo-ntetho</p> <p>Ingxelo-ntetho nentetho-ngqo</p> <p>Iimpawu zokubhala ngokukuko Ugxiniso</p> <p>Izafofe ezinjengezaci namaqhalo.</p> <p>utoliko</p>	<p>Ii-textbook eziHlanganiswe noLwimi Nezinye ezichanekileyo</p>

		<p>sebenzisa iimpawu zokubhala ngokuchanekileyo ngeenjongo ezahlukeneyo njengokucacisa intsingiselo, ukubonisa uxulumano kwograma nokongeza ugxininiso – kwiBanga 10 /</p> <p>sebenzisa iimpawu zokubhala ngokuchanekileyo kuluhlu lweenjongo njengokucacisa intsingiselo, ukubonisa uxulumano kwograma nokongeza ugxininiso – kwiBanga 11 /</p> <p>sebenzisa iimpawu zokubhala ngokuchanekileyo kuluhlu olubanzi lweenjongo njengokucacisa intsingiselo, ukubonisa uxulumano kwograma nokongeza ugxininiso – kwiBanga 12;</p> <p>sebenzisa (kuluhlu – kwiBanga 11), (kuluhlu olubanzi – kwiBanga 12) kulwimi olunezafobe njengezaci namaqhalo ngokufanelekileyo;</p> <p>tolika izivakalisi ezifutshane ezivela kolunye ulwimi zisiwe kulwimi lwasekhaya okanye kulwimi lwasekhaya zisiwe kolunye ulwimi – kwiBanga 10 / tolika tolika izivakalisi ezivela kolunye ulwimi zisiwe kulwimi lwasekhaya okanye kulwimi lwasekhaya zisiwe kolunye ulwimi – kwiBanga 11 /</p> <p>tolika imihlathana emifutshane evela kolunye ulwimi zisiwe kulwimi lwasekhaya okanye kulwimi lwasekhaya zisiwe kolunye ulwimi – kwiBanga 12.</p>		
3	phuhlisa ingqiqo enzulu ngolwimi enzulu ngoku:	<p>chonga – kwiBanga 10 (cacisa – kwiBanga 11-12) intsingiselo ecacileyo nentsingiselo entsokothileyo (nentsingiselo efihlakeleyo – kwiBanga 12); phonononga -kwiBanga 10 (cacisa – kwiBanga 11-12), (tolika – kwiBanga 12) ngendlela imiyalezo ecacileyo nefihlakeleyo, iivelyu <i>nee-attitude</i> ezibonisa ngayo icala elithathwa sisithethi/ngumphulaphuli/umfundu/umbukeli; chonga aze acele umngeni kwingcinga ecacileyo ethatha icala elithile nedleleelayo, kulwimi oluqhathayo/olulalanisayo, olukuhlayo noluxhokonkxa iimvakalelo – kwiBanga 10 / chonga aze acele umngeni kwingcinga ethatha icala</p>	<p>Intsingiselo ecacileyo nentsokothileyo Intsingiselo efihlakeleyo – kwiBanga 12 Indlela imiyalezo, iivelyu neendlela zokucinga ezifhlakeleyo nezicacileyo ebonisa ngayo ulovo lwesithethi/lomphulaphuli/lomfundi/lombokeli Ingcinga ecalanye nengcinga</p>	<p>Ii-textbook eziHlanganiswe noLwimi Nezinye ezichanekileyo</p>

		<p>elithile nedlelelelayo, kulwimi oluqhathayo/olulalanisayo, olulukuhlayo noluxhokonxa iimvakalelo nokuphonononga ezinye iindlela zokuvakalisa uluvo – kwiBanga 11 / chonga aze acele umngeni kwingcinga ethatha icala nedlelelelayo, kulwimi oluqhathayo/olulalanisayo, olulukuhlayo noluxhokonxa iimvakalelo ngokufihlakeleyo kunye nokuvelisa ezinye iindlela zokuvakalisa uluvo – kwiBanga 12.</p>	<p>edlelelelayo ulwimi oluxhokonxa iimvakalelo, olulukuhlayo noluqhathayo/olulalanisayo. Ezinye iindlela zokuvakalisa uluvo – kwiBanga 11-12</p>	
--	--	---	---	--

- Ukudizayina/ukuyila iiShedyuli zoMsebenzi**

Esi sisigaba sesibini kwidizayini okanye kuyilo IweNkqubo yokuFundisa. Kwesi sigaba, ootitshala baphuhlisa iiShedyuli/iziCwangciso zoMsebenzi zebanga ngalinye. Konke okukwiiShedyuli/kwiziCwangciso zoMsebenzi kuvela kwiSakhelo seSabjekthi. iiShedyuli/iziCwangciso zoMsebenzi kufuneka zicwangciswe ngobunono kwaye zibonise indlela ekuza kufundiswa, kufundwe kuze kuhlolwe ngayo kwiiveki ezingama-36-40 zonyaka eziziintsuku zesikolo.

ISHEDYULI/ISICWANGCISO SOMSEBENZI											IBanga:	Unyaka:
UMXHOLO NEEMEKO												
		1	2	3	4	5	6	7	8	9	10	
II-LO NEE-AS	1											
	2											
	3											
	4											
UHLANGANISO NEZINYE IISABJEKTHI												
IZIXHOBOKO												

ZOKUFUNDISA EZIZA KUSETYENZISWA									
IZIXHOBO ZOKUFUNDISA EZEVELISIWEYO									
UHLOLO									
II-LTSM (IZIXHOBO ZOKUFUNDISA NOKUFUNDA)									

ISIHLOMELO

ISICWANGCISO SOMSEBENZI WONYAKA: IBANGA 12: IPHONDO LEMPUMAKOLONI(WORK SCHEDULE)
ISIXHOSA: ULWIMI LWASEKHAYA (LWENKOBE)

IKOTA YOKUQALA							
lveki	PF/LO	ImiGangatho yokuHlola(Assessment standards)	Umongo/ omakufundiswe	Unxuluman iso	Imisetyenzana Yokufundisa	Uhlolo oluzingileyo	IziXhobo zokuXhasa ukuFunda nokufundisa XXFF
